TM0/247/213/21

African National Congress

P.O. BOX 2239 DAR ES SALAAM TANZANIA TELEPHONE 28031 Telex 41462

THE SANCTIONS CAMPAIGN

Ebutsheni bale veki siyiqukumbelayo, iinkokheli ezimbini eMzantsi Afrika ziqale ukhenketho lwamazwe aphesheya. Usekela-mongameli we ANC uComrade Nelson Mandela, undulukile, wenjenjeya, wasinga eJapan nase Bhritane. Ukanti ke kwelinye icala, uFrederick de Klerk ujongise umbombo eBhritane, eIreland nase Denmark.

Olu khenketho, lufika kanye emva kokuba amazwe asentshonalanga aziwa ngokuba yi European Economic Community, okanye ke iEEC ngokufutshane, egqibe ekubeni luphele ukwayo lorhulumente wamabhulu kwezo qoqosho. La mazwe ade akhankanya nento yokuba sele ngaqala ngoku ukurhweba noMzantsi Afrika, khon'ukuze athenge amalahle aveliswa kwiidolophu ezifana ne Vryheid ne Dundee.

Injongo yokhenketho luka de Klerk kukukhuthaza la mazwe, khon'ukuze aqhube nokubhangiswa kweesanctions. Uwaxelela ukuba zininzi iinguqulelo ezenzekileyo phantsi korhulumente wakhe, kangangokuba akusekho mfuneko yazo ezi sanctions. Kwelinye icala, uComrade Nelson Mandela uzama ukubonisa ukuba yonke laanto yenziwe ngumbuso wamabhulu, ayinakuze ichazwe nje ngenyathelo elibonisa ukuphanziswa kwe apartheid. Uzama ukubonisa ukuba yinkwahlambisa yonke le nto.

Yintoni kanye kanye le yenziwe ngu de Klerk, selifunisa into yokuba amazwe asentshonalanga aluqale phantsi urhwebo noMzantsi Afrika? Siyakukhumbula ukuba ekubeni ude Klerk engene ezihlangwini zika Botha, naye walandela ekhondweni lalowo umandulelayo. Wathi abantu abantsundu nabo bovunyelwa ukuba basebenzise iihotele, iinkanti neembarha ezisetyenziswa ngabelungu. Imibhalo ethi Slegs Blankes-Whites Only - Abamhlophe bodwa, yada yasuswa elwandle nakwamanye amaqula ayekade esetyenziswa ngabamhlophe kuphela. Kwade ke kwathiwa ukuba ngaba xxxxxxxx uzibambele isinqanda-mathe esimhlophe, akasayi kuvalelwa nje ngangaphambili.

Enyaniswenі ke, oosokhetye abangaange baphela. Ngaphandle kwamathandabuzo, ude Klerk ngomnye wabo. Bangathini abantu abamnyama ukuthi bekhaba ngokuphanziswa kwengcinezelo, babe bexelelwa ngokusela iLion Laager ezimbarheni eziphakathi edolophini? Ukuba ngaba siyayifuna iLion Laager singayisela nasezishibinini zethu ezilokishini. Baninzi abantu asele bephukukene nobomi babo emadabini enkululeko.

African National Congress

P.O. BOX 2239 DAR ES SALAAM TANZANIA TELEPHONE 28031 Telex 41462

Amathambo abo angarhashaza emangcwabeni ukuba ngaba bangayiva into yokuba kanti ngalo lonke elixesha bebengquzulana notshaba, bebesilwela ukuphuza abafazi babelungu. Ikhe ithi imveku yakutsho ngesimbonono esingapheliyo, unina engayiqondi eyona nto ayifunayo, ayifak'idami emlonyeni. Nayo ke iyakuthula ithi tu, atsho nonina achwayite kuba ungqayimbana uyekile ukufundekela, etshweda into engaphele ndawo. Ude Klerk wenza njalo kanye, usibetha ngemf'iphindiwe. Phofu ke xa sele sithetha inyaniso emsulwa, amabhulu akukho nto ayibonayo xa abona umntu omnyama, ngaphandle kokubona isityhifili sesityhakala. Phofu ke ude Klerk uyabaxelela abelungu baphesheya ukuba hayi ke ngoku, laa nto kuthiwa yi apartheid, iphele nya, ayibonakali nange tshengele. Abo ke bacinga ukuba iapartheid kukungabinasithandwa somlungu, okanye ke kukungaqubhi kunye nabo elwandle, bayakumkholelwa ude Klerk xa thi, hayi iphele yonke loo nto ngoku. Sijongile nje, ngathi abaya be EEC, abanalo nofifi lokuba yinto na kanye kanye le apartheid. Bayazimfamekisa ke xa sethetha'inyaniso.

Apho eJapan naseNgilane, umaginyinyathi neempondo, uMandela, uzama ukuchaza ukuba inkqubo yocalu-calulo isaphelele. Masikhumbuleni ukuba, umbutho wezizwe ezimanyeneyo eNew York, awuzange uthi amabhulu makakwaywe ngenxa yokuba engabavumeli abamnyama ukuba baqubhe maquleni manye nabelungu. Imibutho yabalweli benkululeko baseMzantsi Afrika, yiyo eyaxelela umbutho wezizwe ezimanyeneyo ukuba umntu omnyama wohluthelwa ubuzwe bakhe nelizwe lakhe. Thina singabantu bomthonyama, kodwa asinazwi embusweni kwalapha elizweni lethu. Sicinezelwe ligcuntswana labamhlphe, elisityisa ngemiththo engqwabalala, esingakhange sithabathe nxaxheba ekuyiqulunqeni- Imibutho yenkululeko isemi ngxi kwelo, ayikatyeki nakancinane. Ithi kuyakuthi ukuze kulunge eMzantsi Afrika, amaAfrika azilawule ngokwawo elizweni lawo lokuzalwa. Uninzi lwabantu baseMzantsi Afrika, alunavoti, alukabi nazwi embusweni. Yile meko uMandela ayichazayo ke le kolukhenketho lwamazwe asempumalanga nasentshonalanga. Kunjalo nje, ukwachaza ukuba ndaweni yokuba amabhulu aphanzise iapartheid, athetha ngeehho tele namaquha.

African National Congress

P.O. BOX 2239 DAR ES SALAAM TANZANIA TELEPHONE 28031 Telex 41462

Kwakhona, namhlanje kuqhubeka imilo engaphele ndawo phaya ezixekweni zabantsundu. Ngaphandle kwamathandabuzo, amabhulu ngawo aphembelela yonke le nto. Iingxelo zibika ukuba abhala iincwadi ezibhalela iinkokheli zabantsundu, esithi mazahlukane ne ANC. Ezi ncwadi zisayinzwe ngathi zivela kwi Nkatha. Eyona njongo yamabhulu kukuba lungapheli olukhwembe-khwembe luqhubeka phaya kwiitownships. Yiyo ke le apartheid athi iphelile ude Klerk.

Abantu abafana noDouglas Heard wase Bhritane, sebefuna ukutyelela eMzantsi Afrika besithi bafuna ukuza kuzibonela ukuba uhambe kangakanani na ude Klerk nokuphelisa inkqubo ye apartheid. Kucacile ukuba urhulemente wase Bhritane akazi-thathele ngqalelo izikhalo nezimvo zabantu abamnyama. Yiyo nje le nto uDouglas Heard azakuya eMzantsi Afrika kwezi nyanga zimbalwa zizayo. Inye kuphela into esingayilindelayo emva kokuba unobhala wezangaphandle eBhritane uDouglas Head eye eMzantsi Afrika, kukuba anzome athi i-apartheid ingcwatyiwe. Kodwa ke, kudala siyiva loo ntetho. Kungathiwa ingcwatywe njani abantu abamnyama bengekazilawuli ezweni labo lokuzalwa?

Iisanctions zihlanganisa yonke into, efana nokuza kweemvumi zaphesheya zize kuntyiloza eMzantsi Afrika. Ukuba ngaba ayikapheki inkqubo ye apartheid, akukho mfuneko yakuza kwezo mvumi, kungekho namfuneko yokuba kuze abadlali bapesheya besoka, beqakamba nombhoxo, beze kwela kuthi, ukuba ngaba amabhulu akakawunikezeli ebantwini belizwe umbuso.

Kudala sayibona into yokuba amabhulu eva kuqhe negusha. Xa uthethe wanecama nebhulu lingaphuliphuli, akusekho nto yimbi eseleyo ngaphandle kokuba kuqhum'irhuluwa, olona lwimi aluva naluqonda bhetele amabhulu. Ukukwelwa kombuso wamabhulu yinto esikwaziyo nathi ukuyenza. Kule minyaka imbalwa idlulileyo, abantu abantsundu bebekwaya iivenkile zabamhlophe abahambisana notshaba kwakunye ~~xxx~~ nezabanye abamnyama ~~abahambisana notshaba~~ abaxebenzela amabhulu. Ukukwaywa kwamashishini amabhulu ngabantu phakathi eMzantsi Afrika kwakunye nangabantu bamazwe ngamazwe, kuyakukhawulezisa ukuwa kotshaba.

—END—